*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Kufanele ukuba kubekho umnyama*
*(There Must be a Rainbow)*
Illustrated by Sinomonde Ngwane
Written by Nerissa Govender
Designed by Thulisizwe Mamba
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Durban on 7 November 2015.

ISBN: 978-1-928377-53-5

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Ilali yaseNgxingweni ikwiintaba ezintle kakhulu kubuKumkani bakwaZulu.



UJabulile yintombazana encinane ehlala apha. UJabulile wayehlala onwabile. Wayesoloko efuna ulwazi, ethanda ukubuza yonke into ngobomi. Wayenomdla kuyo yonke nje into.

there-must-be-a-rainbow_interior.indd 8 2021/01/19 08:20

Utata kaJabulile wayengumlimi wombona. Umama wakhe yena eyititshalakazi. Abazali bakhe babehlala bemkhuthaza ukuba angayiyo nantoni na afuna ukuba yiyo. Elona phupha likhulu likaJabulile yayikukunceda abantu.



there-must-be-a-rainbow_interior.indd 10 2021/01/19 08:20

Wonke umntu kuloo lali wayengumhlobo kaJabulile, ingakumbi abantu abadala. Babemfundisa ngoomama nootata bakudala ababelumkile nababehlala apho eNgxingweni. UJabulile naye wayebufuna ubulumko.



there-must-be-a-rainbow_interior.indd 12 2021/01/19 08:20

Ngenye imini eyayisoyikeka, amafu agubungela ilali yaseNgxingweni. Kwasuka kwamnyama tsiki zezo ngqimba zamafu. Isaqhwithi esibi sahlasela yonke loo ndawo.



there-must-be-a-rainbow_interior.indd 14 2021/01/19 08:20

Umoya ovuthuza ngamandla waphequla amaphahla ezindlu. Zonke izilwanyana zalahlekelwa zezo ndawo zazo zokulala. Yayiyimini elusizi kakhulu le.



there-must-be-a-rainbow_interior.indd 16 2021/01/19 08:20

Abantu balapho babekhala esimantshiyane bezibuza besithi, “Ingaba siza kuthini xa kunje?” “Zitshabalele zonke izityalo!” kukhala abalimi. “Amakhaya ethu avuthulukile!” babesitsho abantu abadala. Kwakubonakala ngathi akusayi kuphinda kulunge nto.

Kusenjalo uJabulile wakhumbula nto ewayekhe wayixelelwa ngutata wakhe onobulumko.

there-must-be-a-rainbow_interior.indd 18 2021/01/19 08:20

Waqalisa uJabulile ukuthetha nabantu belali. “Bantu bakuthi, isaqhwithi siyasenzakalisa,” watsho, “ngenxa yohlobo esikhetha ukusibona ngalo. Jongani ngoku ilanga seliphinde lakhanya kwakhona. Yimini entsha, siyazibonela. Emva kwesaqhwithi kufanele ukuba kubekho umnyama!”



there-must-be-a-rainbow_interior.indd 20 2021/01/19 08:20

Ngoko nangoko kwavela umnyama omhle ngokungummangaliso esibhakabhakeni.



there-must-be-a-rainbow_interior.indd 22 2021/01/19 08:20

Abantu belali bawubona umnyama, baza baqala bancuma. Wawume njengophawu nesithembiso sokuba sasidlulile isaqhwithi.



there-must-be-a-rainbow_interior.indd 24 2021/01/19 08:20

Abantu belali bakha izindlu zabo kwakhona. Abalimi batyala izityalo ezitsha. Yakhula ingca, yaluhlaza nangakumbi kunangaphambili.



there-must-be-a-rainbow_interior.indd 26 2021/01/19 08:20

Kwabuya kwabakho ithemba nolonwabo kwakhona elalini yaseNgxingweni.

there-must-be-a-rainbow_interior.indd 28 2021/01/19 08:20

